



Isalathiso: 20160415-9528  
Ifayili: 13/2/8/23  
Imibuzo: Umququzeleli we-NSNP weSithili

INGcaciso eMfutshane yeCandelo lokuNika iNkxaso kwiMfundo eBandakanya Bonke aBafundi neMfundo eneeMfuno eziZodwa: 0002/2016

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoQuquzelelo neeNgcebiso ngezeKharityhulam, kwiiNtloko zoQuquzelelo neeNgcebiso ngeze-IMG, kuBaphathi beeSekethe, kuBacebisi ngezeKharityhulam, kwiiNqununu zazo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezixhamlayo kwiprogram yeNSNP

### Isihloko: Inkomfana yePhondo engokulawulwa kweNSNP

1. Iprogram i-National School Nutrition Programme (NSNP) imema iinqununu zezikolo ezixhamlayo kule program zithathe inxaxheba ekufumaneni izisombululo ezisebenzayo ngokulawulwa kwale program ezikolweni, njengabenzi benkcazo-ntetho (presenters) okanye njengabathathi-nxaxheba.
2. **INJONGO**  
Injongo yale nkomfana kukwabelana ngemizekelo enokwenzeka yezicwangciso ezinokusetyenziswa ekuqhubeni le program ezikolweni ngokuyimpumelelo.
3. **UMHLA, IXESHA NENDAWO**  
Le nkomfa iya kuqhutywa **ngoLwesihlanu, we-27 Meyi 2016**, ukuqala ngo-**15:00 ukuya ku-19:00 nangoMgqibelo we-28 Meyi 2016**, ukuqala ngo-**08:00 ukuya ku-14:00** e-Cape Teaching and Leadership Institute. **Iprogram yenkomfana iya kufumaneka xa ixesha sele lisondele.**
4. **IZIHLOKO NENGCACISO YABENZI BENKCAZO-NTETHO**
  - linkqubo zokutyisa abafundi ezigqwesileyo ezikolweni.
  - Ukhuselelo nokhuseleko
  - Ukugcinwa kweerekhodi nguNdlunkulu
  - lirejista (ezenziwa ngokukhawuleza nezithembekileyo).

- Zeziphi iinzuzo zoku?
  - Iinkcazo-ntetho zinokuba kwimo yeephowusta okanye eyesandi (*audio*) kodwa kungaphelwa kwezi ndidi kuba nezinye iindidi zivumelekile.
  - Ukuthatha inxaxheba kwabathathi-nxaxheba kubaluleke gqitha (“ukwenza, ukucinga nokuxoxa”) (“*hands-on, minds-on and words-on*”) into ethetha ukuba iinkcazo-ntetho kufanele ukuba zibe zezixoxisayo kumntu wonke.
  - Ithuba elimisiweyo yimizuzu eyi-50. Mazinikwe imizuzu eyi-7 ukuya kweyi-10 iingxoxo zamaqela kunye/okanye imibuzo.
  - Indawo iya kubanedathaprojektha nebhodi eyi-*interactive whiteboard* (azinyanzelekanga kodwa kungenziwa amalungiselelo). Kunokwenziwa amalungiselelo efanitshala ukuququzelela iingxoxo zamaqela anabathathi-nxaxheba abalishumi ngetafile nganye.
5. Kukhangelwa kule nkomfana nabenzi benkcazo-ntetho abanako ukwabelana ngeenkqubo ezigqwesileyo zokusebenzisa iindidi zemenyu eziphuculweyo ngokwebhajethi yeNSNP eqingqekileyo nezikhuthaza ukuzibandakanya kwabahlali ngokuxhasa le program.
  6. Kuya kuxoxwa nangokuqala iigadi zokutya (ukwenza okuthile ngaphandle kwentlawulo) nangokwenziwa kweegadi kunye namanye amaqela achaphazelekayo.
  7. Kucelwa wazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kubo bonke abasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU - PA VINJEVOLD  
**INTLOKO:** YESEBE LEMFUNDO  
**UMHLA:** 2016-04-28